



URhulumente  
weNtshona Koloni

UkuHlaliswa koLuntu

# Zenzele IsiKhokelo sokuGcinwa kweKhaya

## ISahlulo sokuQala

IMfundo yaBasebenzisi beZindlu

# Isalathiso

Ibuyiselwa njani kwakhona itephu yokuhlamba

Pg 2

Usitshintsha njani isivingco

Pg 5

Usifakela njani isibane

Pg 10

## Ibuyiselwa njani kwakhona itephu yokuhlamba



- Okudingayo:**
1. Ibhobhotyana yokujija elungelelwaniswayo/ispana
  2. Isijiji/isikrufeli (esiphakathi ngobukhulu)

Inyathelo loku 1: Vala isivalo sokwahlukanisa kwiitephu zakho ukuze amanzi angachithakali kulo lonke igumbi lakho lokuhlambela.

Inyathelo lesi 2: Beka isivingco ngaphakathi esinkini. Koku okwenziwa ngaBatywini bemibhobho abalumkileyo, ngenxa yokuba izikrufu ezincinci nezinye izintwana ezenza itephu yakho ezingenamsebenzi nezikekelele ekubeni zingawela kumngxuma wesivingco ukuya kutshona kumjelo ohambisa amanzi amdaka edolophu, apho amabuzi anobuchule ezaku zifumanisa ziluncedo.



Inyathelo lesi 3: Khulula isiciko setephu (oku koku kusoloko kunentwana yombhalo othi 'H' xa ishushu okanye 'C' xa ibanda).

Inyathelo lesi 4: Kukho isikrufu ngaphakathi. Sijije sikhululeke (siya ngasekunene xa usiqinisa, ze siye ngasekhohlo xa usikhulula) yaye susa isahlulo sesiphatho sesandla uze ukhulule isivalo.




Inyathelo lesi 5: Susa iphanga lekhatiriji. Oku kungabhida kakhulu. Sebenzisa ispana esilungelelwaniswayo uze usebenzise amandla. Khuphela ikhatiriji ngaphandle.



Inyathelo lesi 6: Yijije uyikhulule uze uyisuse.

Inyathelo lesi 7: Ngena emotweni okanye ebhasini uze uye kwindawo ezikufutshane nekhaya lakho zaBarhwebi abasebenza ngezixhobo zaBatywini bemibhobho yamanzi. Babonise ikhatriji uze ubuze ngesixhotyana sokuhlamba esitsha (a new washer) ukuze usifakele. Kukho iintlobo eziNinzi zezixhobo zokuhlamba, yaye zonke iitephu zakho ziza kuba nezahluahlukeneyo. Oku kuza kulonga ixesha lakho, imigudu nemali kwixesha elizayo.



Inyathelo lesi 8: Khulula okanye udubule isixhobo sokuhlamba, dubulela ngaphakathi esi sitsha uze uhlanganise itephu yakho kwakhona.

Inyathelo le 9: Yiqinise yonke kakhulu, uyijije ide ifike kuqikelelo lwekota yokujijwa.

**Icebo elihamba phambili:** *Njengoko uchitha itephu yakho, kulumkile ukugcina zonke iindawo zetephu zehluahlukene ngaloo ndlela bezikhululwe ngayo ukuze kube lula ukuzifakela kwakhona.*

## Usitshintsha njani isivingco

- Okudingayo:**
1. Isivingco
  2. Ispana sokujija (esifana nenkwenkwezi)
  3. Isikrufeli esinentloko ethe tyaba
  4. Iziquhaqi-macingo ezingambini



Inyathelo loku 1: Xa uqalisa ukudibanisa isivingco sakho, qala ngokukhulula izikrufu ezisembindini wesivingco nezisibamba sidibene ngokusebenzisa isikrufeli sakho.



Inyathelo lesi 2: Susa izikrufu uze uzibeke kwindawo ekhuselekileyo ukuze ungazilahli. Vula isivingco uze ubeke isigqubuthelo kwicala elinye.

Inyathelo lesi 3: Ngoku uza kubona ukuba isivingco sakho sinezikhonkwane ezintathu. Isikhonkwane eside kumphezulu nezimbini ezimfutshane emazantsi esivingco. Isikhonkwane ngasinye sinesikrufu esisecaleni kwaso nesigquma umngxuma kwisikhonkwane ngasinye. Le mingxuma ifumaneka ngoku apho ungadibanisa khona amacingo akho.



Inyathelo lesi 4: Ngoku thatha isikrufeli sakho esinentloko ethe tyaba uze ukhulule izikrufu ezikwisikhonkwane ngasinye. Lumka ungakhululi izikrufu ngokupheleleyo, zikhululele kuso ngasinye. Le mingxuma kulapho ungakwazi khona ukudibanisa amacingo akho.

Inyathelo lesi 5:

Khangelela izingxobo ezimbini zeplastiki ezisesazulwini samazantsi esivingco. Zisuse izingxobo ezo. Oku kuza kukwenzela lula xa ufuna ukuqalisa ukudibanisa amacingo akho kwizikhonkwane.




Inyathelo lesi 6: Sebenzisa iziqhaqi-macingo ukuxobula isentimitha (1cm) enye yeplastiki yamacingo ama- 3 ukuze kutyhileke intsontela yentsimbi yobhedu engaphakathi. Okanye ukuba awunaso isiqhaqi-macingo sika nje iplastiki leyo.

Inyathelo lesi 7: Ngoku ke ngaphambi kokuba ucinge ngokudibanisa izikhonkwane zamacingo, kukho izinto ezimbalwa ekufuneka usoloko uzikhumbula. Xa ujonga isivingco sakho uyakubona ukuba kwizikhonkwana ezimbini ezimfutshane kukho imikrwelo apha kwisivingco ekuxelela ukuba ngawaphi na amacingo ekufuneka edityanise kwesiphi na isikhonkwane


Ukuba udibanisa amacingo akho kwizikhonkwane ezingezizo yaye ufaka isivingco sakho kwikroloma (socket) eseludongeni ngaloo ndlela izinto zingahamba kakubi kakhulu.

Ukuba unethamsanqa oku kungakhubekisa icingo-mbane lakho eliyintloko kodwa ngokuxhalabisayo kungakunika ukukhatywa ngumbane okanye idale umlilo nto leyo ingekho ntle tu kwaphela. Ukuba ujonga amacingo ama- 3 oza kuwadibanisa, umthetho jikelele ngowokuba ayimibala emi-3 eyahlukahlukeneyo: nguluhlaza okwesibhakabhaka, omdaka noluhlaza okwengca yaye onomgca otyheli kuwo okanye ngamanye amaxesha oluhlaza nje okwesibhakabhaka ngokucacileyo.

La macingo ma-3 anemibala, abaluleke kakhulu ekudibaniseni kwakho isivingco. Ezi mpawu zi-3 uza kuzibona kwizingingco ngale ndlela ilandelayo: apho kubekwe khona isikhonkwane eside esisesazulwini, kukho unobumba u 'E' oshicilelweyo, kwicala elisemazantsi esikhonkwana esincinci esingasekunxele kukho u 'N' oshicilelweyo kuze kwicala lesikhonkwane esincinci esingasekunene kubekho u-L oshicilelweyo. Aba nobumba ba-3 bamele: **u-EARTH (umhlaba) noNEUTRAL (undilele) noLIVE (ophilayo).**




Inyathelo lesi 8: Ucingooluluhlaza wengcanotyheli liqhagamshelwe kwizikhonkwane eside esisesazulwini somphezulu wesivingco. Oku kuza kudibanisa nomhlaba (earth) isivingco kuze kuthintele nakuphina ukukhatywa ngumbane. Thatha ucingo lwakho olu luhlaza okwengca natyheli ulifake kumngxuma wesikhonkwane esiphawulwe ngo 'E' uze uqinise ukujija isikrufu esiza kuqinisa amacingo size sisigcine sisemngxunyeni wesikhonkwane.



Inyathelo le 9: Ucingo oluhlaza (blue) liqhagamshelwe kwisikhonkwane esingasekunxele elingundilele nelingathath'icala, elinceda ukubaleka komsinga wombane kwisixhobo esisetyenziswa kwisixhobo size sibuyele kumthombo lowo wamandla ombane apho ubuvela khona; kungenjalo umsinga wakho wombane uza kuphelela kuphela ekupheleni kwesivingco ungahambi ukuya kufikelela kwisixhobo eso siqhagamshelwe kwisivingco. Thatha ucingo lwakho oluhlaza (blue) uze ulifake emngxunyeni wesikhonkwane esiphawulwe ngo 'N', emva koko uliqinise njengalapha ngasentla.

Inyathelo le10: Ucingo olumdaka ngebala (brown) luqhagamshelwe kwisikhonkwane esingasekunene esisesiPhilayo (Live) sakho; olu lelona cingo lithwele umbane liwusa kwisixhobo esiqhagamshelwe kwisivingco sakho. Thatha ucingo lwakho olumdaka (Brown wire) uze ulifake emngxunyeni wesikhonkwane esiphawulwe ngo 'L' uze ke usijije usiqinise njengalapha ngasentla.

Inyathelo le11: Emva kokwenza oku, ungathatha ngoku izingxobo ezimbini zeplastiki uzibeke kwakhona kwisikhundla sazo. Oku kuza kubeka amacingo kwindawo ezinzileyo kuze kuzithintele ukuze zingabi nakukhutshwa kwizikhonkwane ngengozi.



Inyathelo le12: Ungafakela ngoko isigqubuthelo (isivalo) sesivingco kwakhona kwisivingcouzeusikrufelekwakhonangesikrufeli esinjengenkwenkwezi kwakhona ukuze kuvaleke isivingco.

Inyathelo le13: Emva kokuba ukwenzile oku, ungahambela phambili uze ufake isivingco (plug) kwisiseko sodonga yaye siza kusebenza isixhobo sakho

**Amanqaku:** Ezona zivingco zingcono onokuzifuna zezo ziqiniswa ngesi krufu. Ungafumana kwakhona isibambi kwizivingco kodwa izibambi azivamanga kuhlala ixesha elide endaweni yoko ziyophuka ukuba awunyamekanga ekuvuleni nasekuvaleni kwakho isivingco (the plug). Apha emfanekisweni sibonisa ngomzekelo wesona sivingco ongasisebenzisa.

**Ngoko ke kwixesha elizayo soloko ukhumbula oku kulandelayo: uluhlaza wengca (green)umele u-earth, u-blue ngundilele yaye ubrown umele ephilayo (live).**

# Ungayifakela njani kwakhona ibhalbhu yombane

Inyathelo loku 1: Qinisekisa ukuba usicima ngokupheleleyo isixhobo sokuvula nokuvala umbane (the switch). Oku kuza kuthintela ukuba ungabulawa ngumbane.




Inyathelo lesi 2: Jonga isibane esingasasebenziyo kungoku nje. Ukuba awuboni sibane fakela esinye esinomlinganiselo wamandla ombane ochanekileyo nolungele isibane eso okanye isigcinakaliso (fixture) eso.

Inyathelo lesi 3: Ukuba isibane eso oza kusikhupha ufakele esinye sisasebenza, siyeke siphole kangangemizuzwana engama-30 okanye ngaphezulu. Ukuba ngaba akukho sibane kulungile ukuba ulitsibe eli nyathelo.



Inyathelo lesi 4: Susa ibhalbhu etshileyo ukuze uyilahle ngendlela efanelekileyo. Ukuba akunayo ibhalbhu etshileyo yokuyilahla ku lungile ukuba udlulele kwinyathelo elilandelayo.



Inyathelo lesi 5: Fakela ibhalbhu entsha. Ungaqinisi ngokugqithisileyo okanye uxinzelele kwibhalbhu kakhulu gqitha.

Inyathelo lesi 6: Khanyisa isibane ngokucofa iqhoshha lokukhanyisa ukuze uqinisekise ukuba ibhalbhu iyasebenza. Ukuba isibane asisebenzi khangela ngokuphindiweyo ukuqinisekisa ukuba uyifakele ibhalbhu entsha. {khangela inyathelo elingaphambili}

ISebe lokuHlaliswa kwaBantu  
Isakhiwo i-ISM  
27 kwiSitalato iWale  
eKapa  
8001

Estelle Juries

**i-Emeyili:** Estelle.Juries@westerncape.gov.za

**Umnxeba:** +27 21 483-2449

**IFekhsi:** +27 21 483-2343

**[www.westerncape.gov.za](http://www.westerncape.gov.za)**

Afrikaans and isiXhosa versions of this publication are available on request.

**Email:** Estelle.Juries@westerncape.gov.za



**Western Cape  
Government**

Human Settlements